

UKato ohlakaniphileyo nengxaki enkulu

Herminder Ohri
isiXhosa

African
Storybook.org

Kumyezo othile kwidolophukazi
enkulu kwakukho umthi omkhulu.
Izilwanyana ezininzi zazihlala kunye
kulomthi mkhulu. Kwakuhlala
nosapho lwamagala kulo mthi.

UViki wayelelinye lamagala
awayethanda ukuthetha kakhulu.

Umzala wakhe uKato wayesuka
kwihlathi elikude
ezekumndwendwela.





Ngobunye ubusuku izilwanyana ezazihlala kulomyezo zazilungiselela ukuya kulala. Zeva ingxolo enkulu isuka kwipaki ekufutshane apho kulomyezo.


UKato namanye amagala babona
oomatshini abakhulu abamthubi.
Kwakukho namadoda anxibe
iminqwazi emthubi eqinileyo. La
madoda ayekhomba kulomyezo
nakwizindlu ezazikwisitalato
esikufutshane apho emyezweni.
Babesakudiliza zonke ezo zindlu
baze bakhe ibala lokukisa iimoto.





Abantu ababehlala apho kwakufuneka bayekuhlala kwezinye izindlu, kodwa akuzange kubekho namnye owayecinga ngezilwanyana, iintaka kunye nezinambuzane ezazihlala apho emyezweni.

Ezi matshini zaqala zabanwa lusapho lweentuku. Oyena wazibona kuqala yaba ngumnumzana uPopisi owayemdala waza waxelela umnumzana uMopisi owathi yena waxelela umninawa wabo uPopisi omncinane.





Ngokuya babebancini babebizwa
Popi, Mopi kunye noPipo.

Umnumzana uPopisi waxelela amagala, amagala axelela iintaka, iintothoviyane, amabhahathane, izigcwawu ezincinane kunye nabo bonke ababehlala apho kulomyezo.

Kwabakho ukuxhalaba okukhulu abanye bebaleka, abanye bebhamba abanye betsibatsiba kungekho nomnye owaziyo ukuma makathini na okanye aye phi na.

Iintothoviyane zathi: “Masikhangeleni amagqabi.” Amabhahathane athi, “Thina sifuna iintyatyambo.” Iimpuku zafuna imingxunya.

Iintuku zafuna ukuzigrumbela eyazo imingxuma. Amagala, iintaka, izinambuzane zafuna imithi, amahlahla kunye nengca.

Zonke izilwanyana zazifuna umhlaba othambileyo zingayifuni isamente okanye ikokriti. “Sizakuyifumana phi yonke le nto?” zakhala zibuza. “Inene sizakufa,” zatsho zilila iinyembezi ziphokoka.



Umalume noninakazi kaKato's babethule bethe cwaka. Wonke amagala akhasela ngakoomama bawo.

UKato wathinta umqala wathetha eneentloni, "Ndihlala kwihlathi elikude, mhlawumbi sonke singaya khona?"

Kwaba ngumndilili wemincili abanye bathi, "Njani?"

UKato wakrwempa intloko ecinga nzulu, "Kulungile ke, amagala, amabhabhathane, izigcawu, iintothoviyane nazo zonke izinambuzane zingakhwela kuloliwe wamagala. lintaka zingabhabha okanye zikhwele kunye nathi. lintuku, iimouku kunye neenyoka zingakhwela kuloliwe ohamba phantsi komhlaba."








Bonke bacinga ukuba licebo elihle eli. Umnumzana uPopisi wakhawuleza waya kumnumzana uGolozayo owayengumqhubi kaloliwe ohamba phantsi komhlaba. Wambuza ukuba angabathatha bonke ukubasa kwihlathi elikude kusini na. Umnumzana uGolozayo wampampatha, wafifithekisa wagusugushuza phambi kokuba ambombozele, “Kulungile.” Hayi ke, kwaba lithuba likamnumzana uPopisi ukuba abe nguchwephetsha. “Ningaxhalabi zihlobo, umzukulwana katatomkhulu wam . . . ongumtshana wesithathu kusapho lomtshanakazi wesibini unosapho lwakhe oluhlala kweli hlathi likude.”

Kwangentseni uloliwe wamagala kunye nololiwe weentuku ohamba phantsi komhlaba wawugcwele uthe ntle ngabakhweli. Wahamba uqhusha ujongise kwelo hlathi likude uthwele nemithi, iintyatyambo, amachibi kunye nomhlaba othambileyo.



UKato ohlakaniphileyo nengxaki enkulu

Writer: Herminder Ohri

Illustration: Herminder Ohri

Translated By: Kholeka Mabeta

Language: isiXhosa

© Pratham Books, 2014



This work is licensed under a Creative Commons Attribution
(CC-BY) Version 3.0 Unported Licence

Disclaimer: You are free to download, copy, translate or adapt this story and use the illustrations as long as you attribute or credit the original author/s and illustrator/s.



**PRATHAM
BOOKS**

A Book in Every Child's Hand

Pratham Books is a not-for profit organization that publishes books in multiple Indian languages to promote reading among children. See: www.prathambooks.org.

Saide 
South African Institute
for Distance Education

www.africanstorybook.org
A Saide Initiative